Isalathiso: 20200219-4674
Inombolo yefayili: 12/17/8
Imibuzo: T Cloete

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*Cape Teaching and Leadership Institutute*: 0002/2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBacebisi beZifundo, kuBasebenzi be-*SLES* nakwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo ezikolo zikarhulumente

Isihloko: Ukubhiyozela iVeki yeLayibrari yaseMzantsi Afrika ngo-2020 kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni

1. ISebe lezoBugcisa neNkcubeko, ngokubambisana ne-*Library and Information Association of South Africa* (*LIASA*), libhengeze ukuba iVeki yeLayibrari (*SALW)* yango-2020, iya kubhiyozelwa ukususela nge-16 ukuya kwi-22 Matshi 2020. Umxholo uthi, "**liLayibrari: Amahlakani Enu oBomi" ("*Libraries: Your Partners for Life*").**

2. Ubuhlakani buqaqambisa intsebenziswano, ukwabelana ngezibonelelo, nokwakha amaqela obudlelwane nentsebenziswano, nokubonisa ukuba iilayibrari nabahlali bawo onke amanqanaba obomi, banokuxhamla ngokwakha ubudlelwane obulungiselela onke amaqela achaphazelekayo.

3. Umxholo ukhuthaza ngamandla iilayibrari zasekuhlaleni neepraktishina zeenkonzo zelayibrari nengcaciso ukuba zicinge ngeendlela ezahlukeneyo ngeeprofayili zamahlakani entsebenziswano nokuba, kwangokunjalo kujongwe kwiinzuzo zokunxulumana nabathathi-nxaxheba abangathi abangabo abesiqhelo. Ukongeza apho, lo mxholo unenjongo yokuzuza ixabiso kobu budlelwane ukuqaphela onke amagalelo nokuzondelela iinzame zethu zokuqaqambisa la manyathelo ngenjongo yokwenza umahluko kwizikolo zethu nasekuhlaleni.

4. Ukubhiyozela iVeki yeLayibrari yaseMzantsi Afrika (*SALW)* ngo-2020, u-*EDULIS* ngentsebenziswano no-*NB Publishers,* babonelela ngethuba elibangela umdla kwisikolo esinye seSebe i-*WCED* lokuphumelela sizuze **iincwadi zelayibrari yesikolo sabo ezixabisa i-R2000.**

5. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zilungenele ukhuphiswano ngekhompyutha kwaye ziphendule le mibuzo ilandelayo (le mibuzo iya kukuncedisa kwisicwangciso setheko /somboniso):

   - **Chaza izicwangciso zakho zeVeki yeLayibrari yaseMzantsi Afrika (*SALW)* ngo-2020**
   - **Zithini iinjongo zakho ngetheko/ngomboniso owucwangcisileyo?**
   - **Ngoobani abantu ojolise kubo yaye imisebenzi yakho ye-*SALW* ngo-2020 inayiphi na impembelelo kwaba bantu?**
   - **Ucinga ukuba kutheni le nto kumele abagwebi bacinge ngokuba bayinike ibhaso ilayibrari yesikolo sakho?**

   Uyacelwa ukuba uzithumele nge-imeyili iimpendulo zakho kunye neefoto eziyi-4 eziziihigh definition apha: alison.mentor@westerncape.gov.za

6. Umhla wokuvalwa kokhuphiswano **nguLwesihlanu**, **we-24 Apreli 2020** kwaye ophumeleleyo uya kwaziswa ngefoni okanye nge-imeyili engadlulanga **uLwesine,** we-**7 Meyi 2020**.

7. Isikolo esiphumeleleyo siya kwaziswa, yaye ibhaso liya kunikezelwa ngoLwesine we-**21 Meyi 2020** e-*EDULIS* ngethuba le-*NB Publisher's School Librarian Day*.

8. Imibuzo ingathunyelwa ngqo ku-Alison Mentor apha: alison.mentor@westerncape.gov.za

9. Kunokuqhagamshelwana nala magosa esithili eSebe i-*WCED* alandelayo ngokumalunga neenkonzo zelayibrari yesikolo:

   - Janine Ontong — *School Library Adviser,* Cape Winelands District — inombolo yefoni 023 348 4657
   - Lorné Erasmus — *School Library Service Officer*, Overberg District — inombolo yefoni 028 214 7386
   - Tirzah Arendse — *School Library Service Officer,* Eden and Central Karoo District — inombolo yefoni 044 803 8377
   - Vernon Koen — *School Library Service Officer,* Metro East District — inombolo yefoni 021 900 7009

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM KUNYE NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-02-26